ISIFUNDO 10 *Meyi 27–Juni 2

# Iinkohliso Zokugqibela ZikaSathana



## SABATHA EMVA KWEMINI

**Fundela Isifundo Sale Veki:** *IsiTyh. 12:9; IsiTyh. 16:13, 14; 1 Tes. 4:16, 17; Hez. 8:16; Hez. 20:1–20; IsiTyh. 18:4, 5.*

**Indima Yenkumbulo:** **" 'Bangcwalise ngayo inyaniso yaKho. Ilizwi lakho liyinyaniso' "** *(Yohane 17:17)*.

Kwakuyenye yezo ntsasa zintle kakhulu zikaSeptemba eChicago. Lathi xa ilanga linyuka phezu kweChibi iMichigan abakhwele iimoto bexakene nengxinano koohola iKennedy neEisenhower, abantwana besiya esikolweni, kwavela ibali eliqhiphul' umxhelo kubantu baseChicago. Abantu bagula kakubi, abanye besifa kwiiyure nje ezimbalwa emva kokusela iipilisi iTylenol. Bakuxilongwa, ipilisi nganye yayinenwebu yepotassium cyanide, ityhefu ebulalayo. Umntu ophambeneyo wadlala ngeyeza. Kude kube namhla akukaziwa ukuba yayingubani.

Njengoko sibonile, IsiTyhilelo siyasilumkisa ukuba "abemi bomhlaba' baya kusela indebe ebulalayo ekuthiwa yi"wayini yaseBhabheli." Kukho ukufundisa neemfundiso ezibubuxoki eziya kuthi, ekupheleni, zikhokelele ekufeni. Phofu ke, umhlaba awushiywanga ungenalo ichiza lokulwa ukufa, isikhuselo, ngakwityhefu yasemoyeni: izigidimi zeengelosi ezintathu.

Kwisifundo sale veki, siza kuqhubeka sikhangela, kungekuphela kwiinkohliso zeBhabheli, kodwa nakwicebo likaYesu lokusisindisa kuzo nasekufeni ezingathi, ngandlela ithile, zize nako.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaJuni 3.*

# Indlela Engathi Ilungile Emehlweni Omntu

Ngokubhekiselele kwimihla yokugqibela, uYesu wanika isilumkiso esinamandla, " 'kuba kuya kuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, benze imiqondiso nemimangaliso yokulahlekisa nabanyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka' " *(Marko 13:22)*. Ngoobani aba "banyuliweyo"? Kamva uthi, " 'Wozithuma izithunywa zakhe zasemazulwini, zinexilongo elisandi sikhulu, zihlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, baphume kumacala omane omoya, kuthabathela esiphelweni sezulu, kude kuse kwesinye isiphelo salo' " *(Mat. 24:31)*. Iyoyikisa noko, akunjalo, xa inkohliso kwimihla yokugqibela iya kuba nkulu bade abanyanisekileyo babesengozini yokulahlekiswa?

**Funda IsiTyhilelo 12:9. USathana ulahlekisa oobani? Siwaqonda njani la mazwi?**

____________________________________________________

____________________________________________________

Ngokucacileyo, uThixo uza kuba nabo abantu abathembekileyo ngemihla yokugqibela, njengoko wayenabo kuzo zonke izizukulwana. Noko kunjalo, umbhalo apha ubonisa ukuba inabe kangakanani inkohliso kaSathana.

**Funda IMizekeliso 14:12. Sithini isilumkiso esinamandla esinikwayo apha?**

____________________________________________________

____________________________________________________

Abantu bakholisa ukuxelelwa ukuba mabalandele izazela zabo ukuzigqibela ngokwabo ukuba yini elungileyo okanye engalunganga, elungileyo okanye embi, baze baphile ngokufanele oko bakhetha kona. Sona isiBhalo sithi sonke singaboni, sonke sikhohlakele, *(Jer. 17:9, Rom. 3:9–18)*, ngenxa yoko, ukuthemba eyethu indlela esiva ngayo, phantse ngokuqinisekileyo, kube yindlela eqinisekileyo ukuba, kungekudala, yindlela yokwenza engalunganga nokwenza okungalunganga. Ububi obuninzi bukhuthazwe kwizizukulwana ngabantu ababoyisekile ngokulunga kwekhondo labo. Oko kukuthi, balandela "indlela ebingathi ilungile" kubo.

Endaweni yoko, kufuneka sizintywilisele eLizwini likaThixo, size sithi kulo iLizwi laKhe, njengoko siziyekela kuMoya Oyingcwele, sifunde inyaniso kwimposiso, okulungileyo kwimpazamo, okulungileyo kokubi. Ukuba siyekelwe kwawethu amacebo, nokuba kukwezethu izivo, singaba ngamaxhoba alula eenkohliso zikaSathana.

**Cinga ngemizekelo yabantu, abenza ngokoko bona ngokwabo babecinga ukuba kulungile, okanye oko babe kholelwa ukuba kuyintando kaThixo, kodwa benza izinto ezimbi. Yintoni esinokuyifunda kwezi ziganeko ziyingozi?**

____________________________________________________

# Ubuxoki Bakudala Bokungabi Nakufa

**Funda IsiTyhilelo 16:13, 14 and IsiTyhilelo 18:2, 23. Lurheshwe njani unqulo lwemimoya olufumanayo kwezi ndima?**

Iintetho ezinje ngethi "ikhaya leedemon" no"kukhafula" zonke zibonisa ukusebenza kweedemon. Akumangaliso ukuba silunyukiswe ngokuthi kukho iindidi ezimbini zenkohliso kule mihla yokugqibela, enye yazo iya kuba "kukungabi nakufa komphefumlo" (bona Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, iph. 588).

Kakade, kulula kakhulu ukukubona oko namhlanje. Kude kuthi nakwihlabathi lamaKristu, ingcamango yomphefumlo ongenako ukufa, ibe kukutya okuqhelekileyo. AmaKristu amaninzi akholelwa ukuba ekufeni, abasindisiweyo bayanyuka basinge ezulwini, baze abalahlekileyo bahle bangene esihogweni. Kukangakanani, umzekelo, emva kokuba umvangeli omkhulu uBilly Graham efile, sisoloko sisiva ukuba "uBilly Graham ukhuselekile ngoku ezulwini, ezingalweni zothando zikaYesu," okanye intetho ezinjalo? Olu hlobo lwento ifundiswa lonke ixesha emaqongeni okushumayela, emagumbini okufundisa, ngakumbi, emingcwabeni.

**Funda Intshumayeli 9:5; Yobhi 19:25–27; 1 Tesalonika 4:16, 17; nesiTyhilelo 14:13. Uthini umyalelo ocacileyo awawunikayo uThixo kubantu baKhe ngobomi emva kokufa, nokuba kuphi na apho silifumana khona ithemba lethu?**

Enye yeentsika zenkohliso yeBhabheli kukwazi okugwenxa ngokufa, okuthi, luzinze kwingcamango yokungabi nakufa komphefumlo, kuyilungise indlela yempembelelo ekhohlisayo yonqulo lweimoya. Ukuba ukholelwa ukuba abafileyo, ngemo ethile, baphilile kwaye banakho ukunxibelelana nathi, ngoko loluphi ukhuseleko onalo kulo naluphi kwinyambalala yolahlekiso uSathana analo? Ukuba ubani obucinga ukuba ngumama wakho okanye umntwana, okanye omnye umntu obumthanda, ebengathi gqi athethe nawe, bekungaba lula kanjani ukuba ubhanxwe zizivo zakho? Oku kwenzeka kwixesha eladlulayo, kuyenzeka ngoku, kwaye, njengoko sisondela kuzo kanye iintsuku zokuphela, kuya kwenzeka kwakhona. Ukhuselo lwethu ekuphela kwalo kukuma sizinze ngokuqinileyo koko iBhayibhile ifundisa kona nokuba sibambelele kwimfundiso emi eBhayibhileni yokufa njengokulala kude kube kukubuya kwesibini kukaYesu.

**Yeyiphi imizekelo yonqulo lwemimoya efumaneka kwinkcubeko yakho namhlanje? Kungani ukuba ukunamathela ngokuqinileyo eLizwini likaThixo kube kuphela kwenkuseleko esinayo?**

# IBhabheli: Iziko Lonqulo Lwelanga

Ungqulo lwelanga lwalubalasele eYiputa, eAsiriya, ePersi, naseBhabheli. Encwadini yakhe ethi *The Worship of Nature*, uJames G. Frazer wenza le mbono, EBhabheli ilanga lalinqulwa kususela ephakadeni."—Volume 1, p. 529. Kungamangalisa, kodwa ngamanye amaxesha unqulo lwelanga lwakukhuthaza ukunqula kwabantu bakaThixo kwiTestamente eNdala.

**Funda Hezekile 8:16 noo-2 Kumkani 23:5, 11. Babhala bathini abaprofeti ngempembelelo yonqulo lwelanga kwaIsrayeli nakwaYuda?** *(Bona nakuRoma 1:25.)*

________________________________________________

________________________________________________

Umprofeti uHezekile, owaphila ngaxeshanye noDani, wazoba umfanekiso abanye abantu bakaThixo benikele umva itempile kaThixo benqula ilanga ngasempuma. Endaweni yokunqula uMdali welanga, banqula ilanga.

kwisiTyhilelo 17, uYohane uchaza ixesha ekuya kuthi ngalo imithetho-siseko yaseBhabheli, kuqukwa ukunqulwa kwelanga, iyekelelwe. Ukuguquka okuyekeyeke kukaKonstantina, kwabanga uvuyo olukhulu kubukumkani baseRoma. UKonstantina wayeluthanda ngokuqinileyo unqulo lwelanga. "ILanga lalibonwa liyinkokeli nomkhuseli ongenakoyiswa kaKonstantina."—*The History of the Decline and Fall of the Roman Empire*, chapter 20. Ngomnyaka ua.d. 321, uKonstantina wakhupha umthetho wokuqala "wokugcinwa kweCawa." Lo mthetho wawusithi, "Ngemini ehloniphekileyo yeLanga bonke ooMantyi nabantu abahlala ezixekweni mabaphumle, zithi neevenkile zonke zivalwe."—Edict of Constantine, A.D. 321. Yayingenguwo umthetho onyanzelisa ukugcinwa kweCawa ngabo bonke abaphantsi kukaKonstantina, kodwa yakunika amandla ukugcinwa kweCawa ezingqondweni zoluntu lwaseRoma.

Kwaye kumashumi eminyaka elandelayo abathi ookumkani noophapha baqhubeka ngemithetho yoburhulumente ukumisela iCawa njengosuku olulodwa lokunqula, eselulo nanamhla, kuninzi olukhulu lwamaKristu. Athi ukuba namandla umzekelo wenyaniso eyiyo ethi nje kuba uninzi lwabantu lukholelwa entweni, okanye ukuyenza, akuyenzi ukuba ilunge.

**Laqazisa amehlo ubone ukuxhaphaka nokutyhutyha konqulo lweCawa kumabandla obuKristu. Imele ukusifundisa ntoni le nyaniso ngendlela ezoyisa ngayo iinkohliso zikaSathana? Kwakhona, njengakwimeko yabafileyo, iyintoni inkuseleko yakho ekuphela kwayo?**

# Ubizo Lokunyaniseka

Isigidimi sengelosi yesibini kwisiTyhilelo 14 sithi, 'Iwile, iwile iBhabheli' " KwisiTyhilelo 17, umfazi obonwa njengeBhabheli yasemoyeni, unxibe ezimfusa nezibomvu, ukhwele phezu kwerhamncwa elibomvu, uhamba edlulisa indebe yakhe yewayini, aze alenze ihlabathi ukuba linxile yimposiso. Ibandla norhulumente baya manyana. Ubuxoki buyoyisa. Iidemon zenza imimangaliso yazo ukulahlekisa. Umhlaba uguqukela kwimfazwe yawo yokugqibela.

Ngelo xesha linye, abantu bakaThixo bayanyeliswa, begculelwa, becinezelwe, betshutshiswa, kodwa kuKristu nangamandla kaMoya waKhe Oyingcwele, bazinzile ekuzinikeleni kwabo. Onke amagunya esihogo nemikhosi yobubi ayikwazi ukukuqhawula ukunyaniseka kwabo kuKristu. Bakhuselekile kuYe. "UThixo ulihlathi nenqaba" yethu; ngexesha leenkathazo uluncedo oluhlala lulungile" *(Ndumiso 46:1, IBHAYIBHILE)*.

UThixo ubiza abantu bexesha lokuphela ukuba babuyele ekunyanisekeni kwiLizwi laKhe. UYesu wathandaza wathi, '"Bangcwalise ngayo inyaniso yakho; ilizwi lakho liyinyaniso' " *(Yohane 17:17)*. Inyaniso yeLizwi likaThixo, ingeyiyo ingcamango okanye isithethe somntu, iyinkwenkwezi esikhokelayo ngeli lixa libi kwimbali yehlabathi.

Nasi isicatshulwa esincamisileyo esibhalwe nguDr. Edward T. Hiscox, umbhali we*Standard Manuel for Baptist Churches*. Ngowe-1893, wayethetha kwiqela lamakhulu abafundisi baseBhaptizi wabothusa xa ecacisa ukuba iCawa yeza njani kwibandla lobuKristu.:

"Usizi olungako lokuba ize [iCawa] ibekwe uphawu lobuhedeni, iphehlelelwe ngegama likathixo olilanga, ize yamkelwe ingcwaliswe ngokreqo lobupopi, ishiywe njengelifa kubuProtestanti!"—Edward Hiscox, phambi kwenkomfa yabafundisi, Nov. 13, 1893.

**Funda** **Hezekile 20:1–20. Uthini umxholo wesigidimi sikaHezekile apha, kwaye ingena njani iSabatha kolu bizo lokunyaniseka?**

________________________________________________________________

________________________________________________________________

________________________________________________________________

UHezekile 20 usisibheno esinendili esiya kuIsrayeli ukuba ashiye izenzo zobuhedeni anqule uMdali endaweni yoothixo babo bobuxoki, kule meko "izigodo zaseYiputa." Ngesigidimi sengelosi yesithathu, uThixo wenza isibheno esifanayo ukuba "kunqulwe uMdali," kuba "iBhabheli iwile." Kanti ke, njengokuba sisazi, iSabatha, nokunyaniseka kuyo, iya kudlala indawo enkulu kwiziganeko zokugqibela.

**Zeziphi izifundo esingazithabathela zona koko kubhaliweyo kuHezekile 20:1–20?** *(Bona naku-1 Kor. 10:11.)*

________________________________________________________________

# Ubabalo Lokuthobela

Umfazi onxibe ingubo ebomvu nemfusa, ophezu kwerhamncwa elambathiswe bomvu, ujikelezisa indebe yakhe yewayini, laye ihlabathi linxilile yiwayini yeemfundiso zaseBhabheli zobuxoki. Ethetha nge"wayini yaseBhabheli," uEllen G. White wenza le ngcaciso icacileyo: "Iyintoni loo wayini? Iimfundiso zobuxoki zayo [iBhabheli]. Ilinike ihlabathi iSabatha yobuxoki endaweni yeSabatha yomthetho wesine, yabuphindaphinda ubuxoki uSathana awabuxela kuEva e-Eden,—indalo yokungabi nakufa komphefumlo."—Ellen G. White, *Review and Herald*, Dec. 6, 1892. Ezi mfundiso zingeyonyaniso zikhohlise izigidi. Isiphumo, uThixo unika abantu baKhe, abasazike kwimposiso, isibheno semihla yokugqibela.

**Funda IsiTyhilelo 18:4, 5. Sithini isibhebo sikaThixo kwintlaninge yabantu abasafumaneka kumahlelo enkolo awileyo?**

______________________________________________________________

______________________________________________________________

Njengoko sesibonile (kodwa kufanele ukuphindwa), abaninzi babantu bakaThixo bakumahlelo enkolo aye aziyekelela iimfundiso zeBhayibhile. Abaziqondi iinyaniso zesiBhalo. Isibheno sikaThixo sothando sicacile: " 'Phumani kuyo, bantu bam, ukuze ningadlelani nayo ngezono zayo, nokuze ningamkeliswa kwizibetho zayo' " *(IsiTyh. 18:4)*.

**Funda 1 Yohane 3:4 uthelekise namaRoma 14:23. IBhayibhile isichaza njani isono? Ezi zicatshulwa zeBhayibhile zihambelana njani?**

______________________________________________________________

______________________________________________________________

Isono kukugqitha umthetho okanye ukwaphula umthetho kaThixo. Indlela ekuphela kwayo nabanina anokuthobela ngayo umthetho kungokholo kumandla kaKristu ophilileyo. Asinamandla, sibuthakathaka, siyaphazama, sizidalwa ezinezono. Ngokholo, xa simamkela uKristu, ubabalo lwaKhe luyasicamagushela oko kwadlulayo kwethu lusinike amandla exesha langoku. Usinika "ubabalo nobupostile . . . [kubekho] ukulululamela ukholo *(Roma 1:5)*. Isibheno sezulu kubantu baKhe emabandleni angawuhloneliyo awuthobele umthetho kaThixo sithi mabaphume ngokholo. Isibheno saKhe kuma-Adventist kumabandla ayigcinayo iSabatha sithi mawakushiye konke ukuzithanda, nemizamo yomntu yokuthobela aphile ubomi bokuhlonela uThixo ngokholo kubabalo lukaKristu, olusikhulula ekugwetyweni sisono nasekulawulweni sisono. Kanye njengokuba ukunyaniseka kukaIsrayeli emthethweni *(Dut. 4:6)* kwakuya bubungqina obunamandla ukunceda ukukhokela abantu baphume eBhabheli.

**Ingcamango Eyongeziweyo:** " 'IBhabheli enkulu' encwadini yesiTyhilelo imele ngokukodwa, iinkolo ezimanyeneyo ekupheleni kwexesha. . . . 'IBhabheli enkulu' ligama ethi impefumlelo ilisebenzise kunxantathu womanyano lwenkolo yobupopi, ubuProtestanti obuwileyo, nonqulo lwemimoya. . . . Isaci 'Bhabheli' sibhekisa kumaqumrhu ngokwayo nakwiinkokeli zawo, kungekho kangako kumalungu. Amalungu wona kubhekiswa kuwo njenga'manzi amaninzi.' (IsiTyh. 17:1, 15)."—*The SDA Bible Commentary*, vol. 7, pp. 851, 852.

"Ngeemposiso ezimbini ezinkulu, ukungabi nakufa [okanye ukungafi] komphefumlo nobungcwele beCawa, uSathana uza kubabeka phantsi kwenkohliso yakhe abantu. Lo gama le yokuqala [ukungafi komphefumlo] ibeka isiseko sonqulo lwemimoya [izinyanya], le yamva [iCawa engcwele] idala iqhina lovelwano neRoma"—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, iph. 588.

Kwinkolo yaseBhabheli, kwiTestamente eNdala, imimoya yabafileyo yayidlala indawo ephambili. AmaBhabheli ayenenkolelo eqinileyo kwimfundiso yokungabi nakufa komphefumlo. Ayekholelwa ukuba ekufeni umphefumlo wawungena kwilizwe lemimoya. Imbono yomphefumlo ongenakufa ayikho kwiimfundiso zeziBhalo. I-*The Jewish Encyclopedia* iyicacisa ngokuphandle imvelaphi yembono yobuxoki yomphefumlo ongenakufa. "Inkolo yokuba umphefumlo uqhubeka ukhona emva kokuphela komzimba . . . ayinandawo efundiswa kuyo ngokuphandle kwiziBhalo eziNgcwele. . . . Inkolo yokungafi komphefumlo yafika kumaYuda ngokuhlangana nengcamango yamaGrike kakhulu ngobulumko bukaPlato, oyena mxhasi mkhulu wayo, owakhokelelwa kuyo ziimfihlelo zeOrphic and Eleusinian apho iimbono zamaBhabheli namaYiputa ngandlela ithile zaya zamanyana."—Kaufmann Kohler, *The Jewish Encyclopedia*, "Immortality of the Soul," (1906).

## Imibuzo Yokuxoxwa:

❶ **Kutheni le nto kubaluleke kakhulu ukuyazi inyaniso ngokufa? Kusikhusela entweni oko? Kutheni le nto oko kukwayintuthuzelo enkulu?**

❷ **Ezinye zeenkohliso zongendawo zicacile, kanti ezinye ziyarhubuluza kakhulu. Singakuphepha njani ukuba singalehlekiswa nazeziphi?**

❸ **Eklasini, thethani ngombuzo obuke wachukunyiswa ngeCawa, ongabo benza ububi bekholelwa ukuba balandela intando kaThixo, njengoko ityhiliwe eBhayibhileni. Siyichaza njani le meko? Nxaxheba ni ethi idlalwe ngumthetho kaThixo ekuchazeni?**